

UKUTHINTELA IINTANDA NOKUFUMA KWINDLU YAKHO



HOAP

ICEBISO KUBANINI-ZINDLU INCWADANA YOLWAZI









IINGXAKI ZOKUFUMA

Ukufuma kungaphuma emhlabeni ukuya emigangathweni, kuhamba ngeendonga ezineentanda okanye uphahla oluvuzayo. Ukufuma kungabangela iingxaki zempilo ezifana 'nomkhuhlane kunye neengxaki zamaphaphu, ngokunjalo nomonakalo kwizitena, udaka, iimethi, ifanitshala kunye neempahla. Xa indlu yakho isakhiwa, yenze ukuba ingakwazi ukufumana ukufuma ngokuthi uthintele iintanda ngokwenza uphahla, umgangatho kunye neendonga zingangeni manzi.

UKUNQANDA IINTANDA



• Jonga kumsebenzi wokwakha

Qinisekisa ukuba ukombiwa, ukuxutywa nokugalelwa kodaka lwesiseko kwenziwa ngokufanelekileyo. Ikhonkrithi mayixutywe ngendlela eyiyo (6:3:1). Oko kuthetha ukuba ngesixa es-1 sesamente faka izixa ezi-3 zesanti kunye nezixa ezi-6 samatye. Musa ukugalela amanzi amaninzi kuba kuyawuthambisa umxube wakho. Galela isixa samanzi esiyi-1/2 kwisixa esi-1 sesamente.

• Yakha iziseko ezifikelela kwezona zaleko zomeleleyo emhlabeni

Ukuba ezinye izindlu kwingingqi yakho zineentanda, isiza sakho singanomhlaba othambileyo, okanye udongwe olungakhukhumala xa kumanzi. Cela abantu abanamava bakucebise ngesiseko esisiso.

• Qinisekisa ukuba isiseko singumlinganiselo ofanelekileyo

Isiseko sifanele sibe sikhulu ngokwaneleyo ukwandlala ubunzima bamadonga apha emhlabeni. Umthetho oqhelekileyo wowokuba isiseko masibe sisithathu ububanzi, ze sibe ngumphakamo olingana nesakhiwo. Umzekelo, isiseko masibe ngama-450mm ukuvuleka kunye nama-150mm ukuphakama kudonga lwesakhiwo sama-140mm ukuvuleka kudonga lwesakhiwo, okanye ama-600mm ukuvuleka kunye nama-200mm okuphakama kudonga lwesakhiwo sama-190mm ukuvuleka kudonga lwesakhiwo sekhonkrithi.

• Qinisa iindonga kwiindawo ezingomelelanga

Yakha imiqolo emibini yesibambi zitena phakathi kwemiqolo yezitena enqamleza umphezulu weefesitile neminyango. Isibambi zitena zifumaneka ngeeroli yaye zisetyenziselwa ukongeza amandla ezitena phezu kweendonga, ngamanye amaxesha nangaphezu nangaphantsi kweefesitile neminyango.

• Yakha izidibanisi ezinentshukumo phakathi kweendonga eziza kuzinza (zishukume) ngokwahlukeneyo

Izitena zeendonga zakho mazingangenani kwizidibanisi phakathi kweendonga zangaphakathi nezangaphandle, kwakunye naphakathi kwezakhiwo ezindala kwakunye neendonga ezintsha. Izidibanisi kufanele zingqale ngokuthe nkqo ukuba iindonga ezahlukeneyo ziza kuhlala ngokwahlukeneyo. Iintanda ezincinci kwizidibanisi ezithe nkqo zingavalwa zize zivetwe ngokutsha emva kokuba zigqibile ukuzinza.

ELONA CEBO LIBALULEKILEYO LELE







- FUMANA INGCEBISO KUBANTU ABANAMAVA
- YAKHA IZISEKO EZIZIZO
- FAKHE ISITHINTELI MANZI ELUPHAHLI NI LWAKHO, KUMGANGATHO NAKWIINDONGA



YENZA UKUBA UPHAHLA LWAKHO LUBE NESITHINTELI MANZI

- Ukuthambeka kophahla lwakho makulungelelane nohlobo lwesixhobo esisetyenzisiweyo.
- Qiniseka ukuba ishiti zophahla ziyangenana ngokomlinganiselo omisiweyo. Ukungenana kufuneka kubekude nendlela eza ngayo imvula
- Bhola endaweni yokugrumba umngxuma kumashiti ukwenzela izikrufu zophahla.
- Qaphela ukuba izikrufu ungazibetheleli zitshone , njengoko oko kuya kubothoza okanye kuqhekeze iishiti zophahla. Zibethelele kakuhle izikrufu ukuze zizokungena vingci.
- Qiniseka ukuba usebenzisa inombolo yezikrufu ezizizo ,kwaye zingena kwindawo eyiyo. Khangela ukuba irabha yesikrufu ngasinye ihleli endaweni yayo.
- Qiniseka ukuba imiqolo engamaceba ihleli vingci kumphezulu wophahla.

YENZA UKUBA IINDONGA ZAKHO ZIBENESITHINTELI SAMANZI



- Ukuba unganakho, sebenzisa izitena zodonga ezinemingxuma. Ezi ngumaleko wezitena ezibini onama-50mm esithuba somoya phakathi kwazo. Gcina imingxunya icocekile ngexesha lomsebenzi uze uqinisekise ukuba iingcingo zibotshelwa ngaphandle kwesakhiwo.
- Kwiindonga zezitena zekhonkrithi, udaka (dagha) maluxutywe nomxube ofanelekileyo (1:5) okanye l-emele e-1 yesamente kwii-emele ezi-5 zesanti. Kufuneka zisetyenziswe kwixesha leeyure ezimbini zidityanisiwe. Dibanisa ubuncinci isixa se $\frac{1}{4}$ samanzi ngesixa ngasinye sesamente. Umxube mawungabi manzi, njengepapa enezigaqa.
- Kwiindawo ezimanzi zentshona Koloni, ufane ube nenkathalo eyongeziweyo xa utyabeka naxa uveta iindonga zakho.
- Yandlala uqweqwe lokuthintela ukufuma okanye iDPC kumqolo wokuqala wezitena ubuncinane ama-150mm ngaphezu komhlaba ongumgangatho. I-DPC yiplastiki engqingqwa yokogquma efumaneka kwiivenkile zezinto zokwakha okanye kubaniki-nkonzo zokwakha. Khetha enophawu lweSABS. Zenze zingenane izidibanisi neekona ukwenzela ukuba kungabikho ndawo ivulekileyo. Galela umaleko wodaka kwiDPC ukwenzela umqolo olandelayo wezitena.
- Yakha iindawo ezijingayo zophahla ezizizo ezingama-200mm ubuncinane, ikakhulu kwicala lemozulu.
- Ukungena komoya okuhle ngaphakathi endlwini yakho kuthintela umoya ofumileyo ubambane kwiindonga ezibandayo. Fudumeza indlu yakho ngokwakha isilingi.
- Ukuba umhlaba wakho uthambekile ukuza ngasendlwini yakho, faka ikhonkrithi kwi-apronzi (izinto ezixholiweyo ezingangehafu

IINGCEBISO:

- Soloko usebenzisa izixhobo zokwakha ezifanelekileyo
- Landela iingcebiso zabavelisi ngenkathalo
- Ukutyala igadi kunganceda amanzi emvula atshone emhlabeni



JONGA EZINYE IINCWADI NGOKU:

- Ngokutyabeka indlu yakho
- Ukusebenzisa ikontraki yokwakha



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Ipapashwe Development Action Group
101 Lower Main road, Observatory, 7925
Umnxeba: (021) 448-7886 • Ifeksi: (021) 447-1987